# Yaqengqelekana Iminyaka Umi Ndaweninye ?

(Yimbongikazi Nontsizi Mgqwetto.)

Bupina ubuntu, bupina ubuzwe
Upina umhlaba kwa nama Twalandwe
Bupi ubuk'osi akuko ntwisento
Akuko ntwisele tu-nto kwakuyinto.

Yaqengqelekana yonke iminyaka
Woma ndaweninye nakuwo lo nyaka ?
Washiywa lusapo, washiywa yimfuyo
Yeyama Dlagusha namhlanje imfuyo.

Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kub' engazingeni into zobugeza
Mhla nanitengisa emin' emaqanda
Ngobuk'osi benu nahamba nisenda.

Zipi i Bhaibhile namhla magqob'oka
Mandiyeke apo kuba ndobindeka.
Kuba ababantu nene bapesheya
Basihluta ngazo konke namakaya,

Irara ke lonto basiseza yona
Azi ke Afrika wona ngantonina
Latob' imbalela, kwatsha nemilambo
Azi atipina amabandla se Mbo

Watsho no Maqoma kwatiw' uyageza
Kub' engazingeni into zobugeza
Akako namhlanje nesitembe yena
Salahla no Tixo Olitemba Yena.

Woma ndaweninye nakuwo lo nyaka ?
Kuntsuku ndisitsho, uti ke lo nyaka
Namhla nga "Wubuye" nok' ungako lwayo
Woyisiwe konke zintw' ezikanyayo.

Lemitshato yona iyeyamanina ?
Imanywa, iqaulwa kwakumlambo pina
Singabo nxazonke nabangenacala
No Tixo 'kasazi sife namacala.

Yaqengqelekana yonke le minyaka
Namhla ke zulunge utsho ke lo nyaka
Ufune nembangi eyakubangela
Ukuba nje kwako, nokufa yindlala.

Pindela kwasemva ap' uvela kona
Apo no Ntsikana wayolela kona
Ungacengi konke ngenxa yenyaniso
Kuba le yemali yeza nenkohliso.

Ngaw' fun' osiyazi bahlabe zintloko
Zenyange Lemihla Eliyona Ntloko
Uzutete ngalo utet' ungoyiki
Umz' owoyikayo ngumzi wamaxoki.

Nandzo ke ne "Pasi" kumzi wamaxoki
Nalo ke "Uhlolo" kumzi wamaxoki
Kuza nezinye into eza "Bhulwayo"
Ndifung' o "K'ok'o" no bawo ndizalayo.

Uyazubuya ! !